



## Reading resolutions

Do you make resolutions at the beginning of each new year? Many people's resolutions involve giving up something they enjoy, to make an improvement in their lives. But that's where reading resolutions are different – they are simply about doing more of what you enjoy! So how about making some reading resolutions for 2013? Here are some suggestions to get you started:

- ★ Set aside 20 to 30 minutes each day to read aloud to your children. Most children enjoy being read to just before bedtime, but younger children may find it easier to concentrate at other times in the day or if you break the time into two shorter sessions. It really doesn't matter when or for how long you read books together each day – it's doing it regularly that counts!
- ★ Get into the habit of visiting your closest library with your children once a week. Libraries provide a good supply of free books for you to enjoy at home, and some even offer storytimes and other activities for children. Allow enough time for your children to look at lots of books and for you to chat about them before deciding which ones to borrow.
- ★ Share your favourite children's books or childhood stories with your own children – and other children that you know.
- ★ Be adventurous together! Why don't you and your children try a book by an author you or they have never read before and then try a book by another 'new' author each month? Encourage older readers to try books from various genres, like adventure stories, fantasy or biographies.
- ★ With your children, make a list of their top five to ten favourite books and then enjoy rereading some of them together.
- ★ Find books written or published in the year of your child's birth and read them together.



What are your reading resolutions for 2013? Share them with us using [#ReadingResolutions](#) on Twitter or at [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)

## Izigqibo ngokufunda

Ingaba uthatha izigqibo ngezinto ofuna ukuzenza rhoqo ekuqaleni konyaka? Izigqibo zabantu abaninzi ziquka ukuncama into ethile abayithandayo nabayonwabelayo ukuze baphucule ubomi babo. Kodwa ke, zohlukile koku izigqibo zokufunda zonyaka omtsha – zona zilula kuba zimalunga nokwenza nangakumbi into oyithandayo noyonwabelayo! Ngoko ke, kunjani ngokwenza izigqibo ezithile ngokufunda ngowama-2013? Nazi iingcebiso ezithile zokuqalisa oku:

- ★ Bekela bucala imizuzu engama-20 ukuya kwengama-30 ngosuku ngalunye ukuze ufundele ngokuvakalayo abantwana bakho. Abantwana abaninzi bayakonwabela ukufundelwa phambi kokuba balale kodwa abanye abantwana abasebancinane mhlawumbi bangakufumana kulula ukumamela nokuzolela abakufundelwayo ngamanye amaxesha osuku okanye ke kungangcono xa uthle walohlula kabini ixesha ukuze libe lifutshane. Eneneni, akukhathaliseki ukuba kunini na okanye lide kangakanani na ixesha nifunda iincwadi nikunye ngosuku ngalunye – kukufunda rhoqo okubalulekileyo!
- ★ Ziqhelise ukundwendwela elona thala leencwadi likufutshane nawe kunye nabantwana bakho kanye ngeveki. Amathala eencwadi akubonelela ngeencwadi ezininzi simahla ukuze uzonwabele ekhaya kwaye amanye analo nexesha lokufundela abantwana amabali kwenziwe neminye imidlalo yabantwana. Banike ixesha eloneleyo abantwana bakho ukuze bajonge

iincwadi ezininzi uze nawe uncokole ngazo nabo phambi kokuba nithathe isigqibo sokuba niza kuboleka eziphi na.


- ★ Yabelana nabantwana bakho ngezona ncwadi owawuzithanda usengumntwana okanye amabali owawuwonwabela ebuntwaneni – yabelana nabo nabanye abantwana obaziyo.
- ★ Yibani ngamadelakufa ninonke! Kunganjani wena nabantwana bakho ukuba ningafunda iincwadi ezibhalwe ngumbhali eningazange nakhe nazifunda iincwadi zakhe ngaphambili nize ngenyanga nganye nifunde incwadi yombhali 'omtsha'. Khuthaza abo badalana ukuba bafunde iintlobo zeencwadi ezohlukahlukeyo, ezifana namabali amadelakufa, ezibuntsomirha okanye ezibalisa ngobomi bomntu othile.
- ★ Ukunye nabantwana bakho, bhalani phantsi ezona ncwadi nizithandayo nenizonwabelayo zibe ntlanu okanye zibe lishumi nize nikonwabele ukuphinda nizifunde ezinye zazo.
- ★ Fumana iincwadi ezibhalwe okanye ezipapashwe ngonyaka wokuzalwa komntwana wakho nize nizifunde kunye.

Zithini izigqibo zakho zokufunda ngowama-2013? Yabelana nathi ngazo usebenzisa [u#ReadingResolutions](#) kuTwitter okanye kule dilesi yomnathazwe [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)



Drive your  
imagination

Read to me.  
Never too early. Never too late.  
Ndifundele. Awukashiywa lixesha,  
lingasokuze likushiye nanini na.







Drive your  
imagination

## Story stars

### Growing bookshops everywhere!

"A world without books and stories would be very small and very boring," says Arthur Attwell, founder of Paperight. "Luckily, that's never going to happen. Everyone wants books and stories, they just need a way to find them easily." And that's where Paperight comes in – it is a growing network of copy shops that can print out books for customers quickly and cheaply. We chatted to Arthur to find out more about Paperight and how it got started.

#### How does Paperight work?

You can walk into a copy shop that uses Paperight and ask for a printout of a book that is on our database. You pay the shop, and then the shop pays the publisher. You can get textbooks, novels, business books, children's books, healthcare books, even sheet music this way.

#### Why did you start Paperight?

Bookstores are very rare in South Africa, but almost everyone has a copy shop nearby, or a business with a printer and the Internet. If the copy shop can be a bookstore, anyone can get books from them quickly and easily. And, once a book is printed out, it can be taken anywhere, shared, divided up, written on, and passed on.

#### How important are books and stories?

We need to connect more people to books and stories because reading is like protein for your brain: every successful student or businessperson or artist or parent can use books to grow their abilities and their understanding. More than that, reading for pleasure simply makes us happier, more interesting people; because it allows us to step outside our own lives and into someone else's.

#### What is your vision for Paperight?

Our vision for Paperight is to put every book within walking distance of every home.

To nominate an individual, organisation or even yourself as a Story Star, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) and complete our online nomination form or email your nomination to [letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org)



Mbali

## Iimbalasane zamabali

### Sityala iivenkile zeencwadi kuyo yonke indawo!

"Ilizwe elingenazincwadi namabali ingalilizwe elincinane kakhulu nelinesizungu sesithukuthezi," utsho uArthur Attwell, owaseka iPaperight. "Ngethamsanqa, oko akusoze kwenzeke. Wonke umntu ufuna iincwadi namabali, okufunekayo nje yindlela yokuzifumana lula." Kulapho ke iPaperight ingena khona – iPaperight ludederhu lweevenkile ezikhulayo zokukopela abathengi iincwadi ngokukhawuleza nangamaxabiso aphantsi. Sincokole noArthur ukufumanisa ngaphezulu malunga nePaperight nendlela eyathi yaqala ngayo.

#### Isebenza njani iPaperight?

Ungangena kwivenkile yokukopa esebenzisa iPaperight uze ucele bakukopele incwadi esinayo kuvimba wethu weencwadi. Emva koko uyahlawula evenkileni apho ize loo venkile ihlawule abapapashi baloo ncwadi. Ungafumana iincwadi zezifundo ezohlukileyo, iinoveli, iincwadi ezingezoshishino, ezabantwana, ezempilo kunye nomculo ngale ndlela.

#### Kwakutheni ukuze uqale iPaperight?

Iivenkile zeencwadi zinqabile kwiindawo ezininzi eMzantsi Afrika kodwa kufutshane phantse naye wonke ubani kukho iivenkile yokukopa, okanye ishishini elinomatshini wokushicilela kunye nomnathazwe okanye i-intanethi. Ukuba le venkile yokukopa ingaba yivenkile yeencwadi, wonke ubani angafumana iincwadi kubo ngokukhawuleza nangokulula. Xa incwadi ithe yashicilelwa, ingathathwa ihambe kuyo yonke indawo, kwabelwane ngayo, yohlulwahlulwe, kubhalwe kuyo kwaye igqithiselwe kwabanye.

#### Zibaluleke kangakanani iincwadi namabali?

Kufuneka sihlanganise abantu abangaphezulu neencwadi namabali kuba ukufunda kufana neprotheni engqondweni yakho: wonke umfundi onempumelelo okanye usomashishini okanye igcisa okanye umzali angasebenzisa

iincwadi ukwandisa izinto akwaziyo ukuzenza nokuqonda kwakhe. Ngaphezu koko, ukufundela ukuzonwabisa kusenza sonwabe ngaphezulu, sibe ngabantu abanika umdla kwabanye; kuba kusivumela ukuba sikhe silibale ngobethu ubomi singene ezihlangwini zabanye abantu.

### Calling all young writers and artists!

Are you a high school student who loves writing or drawing? Paperight is looking for original short stories, poems and essays in English, isiXhosa, isiZulu and Afrikaans, as well as illustrations to publish in its 2013 Paperight Young Writers Anthology. For more information, go to: <http://blog.paperight.com/2012/11/call-for-submissions-paperight-young-writers-anthology-2013/>



Paperight


### Simema bonke ababhali nabazobi abaselula!

Ingaba ungumfundi ofunda kwisikolo samabanga aphezulu nokuthandayo ukubhala okanye ukuzoba? IPaperight ikhangela amabali amafutshane, imibongo kunye nezincoko ezibhalwe ngesiNgesi, isiXhosa, isiZulu kunye ne-Afrikaans kwakunye nemifanekiso ukuze zipapashwe kwiPaperight Young Writers Anthology ngowama-2013. Ngeenkukacha ezithe vetshe yiya kule dilesi yomnathazwe: <http://blog.paperight.com/2012/11/call-for-submissions-paperight-young-writers-anthology-2013/>

Ukonyula umntu, umbutho okanye wena buqu njengeMbalelane yamaBali, ndwendwela le webhusayithi [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) uze uzalise uxwebhu lwethu lokukhetha ngekhompyutha okanye uthumele igama lalowo umnyulileyo nge-imeyili kule dilesi [letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org)

### Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
  2. Fold it in half along the black dotted line.
  3. Fold it in half again.
  4. Cut along the red dotted lines.
1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kolu hlelo.
  2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
  3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
  4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.





## Get story active!

1. Colour in the pictures of Thuso and the little goat from the story, *The little lost goat*.
2. Cut along the red dotted lines and use glue to paste the pictures onto a sheet of paper or thin cardboard.
3. Cut carefully along the black dotted lines.
4. Stick the story characters on thin sticks or drinking straws to make puppets.
5. Have fun using your puppets to retell the story, *The little lost goat* or make up your own new story.

## Yenza ibali linike umdla!

1. Faka imibala kwimifanekiso kaThuso nebhokhwana encinane ephuma kwibali elisihloko sithi: *Ibhokhwana encinci elahlekileyo*.
2. Sika ulandela umgca wamachaphazana abomvu uze usebenzise iglu ukuncamathisela imifanekiso kuxwebhu lwephepha okanye kwikhadibhodi.
3. Sika kakuhle ulandela umgca wamachaphazana amnyama.
4. Ncamathelisa abalinganiswa bebali kwizinti ezincinane okanye kwiimfunxa zokusela ukuze wenze iipapethi.
5. Zonwabise usebenzisa ipapethi yakho ukubalisa kwakhona ibali elisihloko sithi, *Ibhokhwana encinci elahlekileyo* okanye wenze elakho ibali elitsha.



How well do  
you know  
the Nal'ibali  
characters?

Can you find  
6 differences  
between these  
two pictures of  
Mme wa Afrika  
and Dintle?



Ubazi kakuhle  
kangakanani  
abalinganiswa  
beNal'ibali?

Ungazifumana  
izinto ezintandathu  
eyohluke ngazo  
imifanekiso emibini  
kaMme wa Afrika  
noDintle?





## Story corner

Here is the first part of a story for you to read aloud or tell.

### Squirrel and the sun (Part 1) Retold by Joanne Bloch

One morning, when the animals woke up, there was no sign of the sun rising in the eastern sky.

"The sun must be feeling lazy today," they said. "Soon it will rise as usual, and we can go down to the waterhole for a drink."

But the animals were wrong. They waited and waited but the world stayed dark. So they decided to go off in different directions to find the sun.

"I'll start by looking in the trees in the big forest," thought Squirrel. She explored the trees she played in each day. At first, she found nothing but darkness. As she got deeper into the forest, she noticed a pale glow far ahead of her. "There it is!" she said excitedly. "I knew I would find the sun here!" Squirrel was right. After travelling some more, she finally found the sun, tangled up in the branches of a tall tree. "Don't worry, Sun!" said Squirrel. "I may be small, but my teeth are very sharp! I'll gnaw off these branches and set you free."

"Thank you," groaned the sun. "I've been battling to get out of this tree for hours, but the more I struggle, the more tangled up I become."

So the little squirrel began to gnaw at the branches. It was hard work, but she didn't give up. After an hour, she had freed the sun a little; and after another hour, there were only a few small branches and twigs still holding the sun in the top of the tree. But there was a problem – the more branches the squirrel gnawed away, the hotter the sun burnt.



Soon Squirrel smelled her fur singeing and smoking. "I'm sorry, Sun, but I can't carry on," she said. "Your heat is just too strong for me! Look, my tail is burning!"

The sun was desperate to get free. "Please carry on, Squirrel!" Sun said. "I need to get out of this tree so I can light up the world each day. Everything needs my light and warmth to live."

Find out next week whether Squirrel is able to free the sun.

## Indawo yamabali

Nantsi inxalenye yokuqala yebali lethu onokulifundela ngaphandle, ngokuvakalayo okanye ulibalise.

### UNomatse nelanga (Inxalenye 1) Libaliswa kwakhona nguJoanne Bloch

Ngenye intsasa, ukuvuka kwazo zonke izilwanyana, kwakungekho mkhondo wokuphuma kwelanga esibhakabhakeni ngasempumalanga.

"Namhlanje ilanga inoba liyonqena ukuphuma," zatsho. "Kwakamsinyane liza kuphuma njengesiqhelo, kwaye siza kutsho sikwazi ukuya kusela amanzi equleni."

Kodwa izilwanyana zaziphazama. Zalinda, zalinda kodwa kwahlala kumnyama, ilanga lingaphumi. Ngoko ke zagqiba kwelokuba ziithi saa kuwo onke amacala ohlukileyo zikhangele ilanga.

"Ndiza kuqala ndikhangele emithini phaya ehlathini," wacinga njalo uNomatse. Wakhangele kuyo yonke imithi awayedlala kuyo imihla ngemihla. Kuqala zange afumane nto ngaphandle kobumnyama. Waya ngokuya engena ngokungena ehlathini, waqaphela ukukhanya okuluzizi phaya phambili. "Naliyaa!" watsho echulumancile. "Bendisazi ukuba ndiza kulifumana apha ilanga!" UNomatse wayeyichanile indawo elikuyo. Emva kokuhamba esiya phambili, wade walifumana ilanga liphithene namasebe omthi omde. "Ungakhathazeki Langa!" watsho uNomatse. Ndingaba ndimncinane, kodwa amazinyo am abukhali kakhulu! Ndiza kuwakrukra la masebe ndikukhulule."

"Enkosi," lancwina latsho ilanga. "Kudala ndizama ukuphuma kulo mthi sekuziyyure ezininzi, kodwa ngokuye ndizama kungona, ndiya ndiphithana nangaphezulu."

Kwa oko, uNomatse omncinane waqalisa ukukrukra amasebe. Yayingumsebenzi onzima, kodwa zange anikezele. Emva kweyure, lalisele likhululekile kancinane ilanga kwaze emva kwenye iyure, kwabe sekusele amasebe namasetyana amancinane nambalwa asabambe ilanga phezulu emthini. Kodwa kwakukho ingxaki – njengokuba unomatse wayekrukra amasebe ngobuninzi bawo, lalisiya litshisa kakhulu ilanga.

Kwakamsinyane uNomatse weva ivumba loboya bakhe burhawuka kwaye buqhuma. "Uxolo Langa, kodwa andikwazi kuqhubeka nokukhululeka," watsho. "Ubushushu bakho buyandoyisa! Jonga, umsila wam uyatsha!"

Ilanga lalinxunguphele lifuna ukukhululeka. "Nceda qhubeka undikhulule Nomatse! latsho ilanga. "Kufuneka ndiphume apha kulo mthi ukuze ndikwazi ukukhanyisela ihlabathi yonke imihla. Yonke into ifuna ukukhanya kwam kunye nobushushu bam ukuze iphile."

Funda kwiveki ezayo ufumanise ukuba ingaba uNomatse ukwazile kusini na ukulikhululeka ilanga.

### In your next Nal'ibali supplement:

- When to start reading to your children
- Story stars: find out about a reading club that is growing children's relationships with books in different ways
- Mini-book, *I could be anywhere*
- Final part of the read-aloud story, *Squirrel and the sun*

Can't wait until next week for more reading and story tips, tools and inspirational ideas? Visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or find us on Facebook: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)

Find us on Twitter: @nalibaliSA  
Sifumane kuTwitter: @nalibaliSA



### Kuhlelo olulandelayo lweNalibali:

- Ungaqalisa nini ukufundela umntwana wakho?
- Imbalasane zamabali: fumanisa ngeklabhu yokufunda ekhulisa ubudlelwane phakathi kwabantwana neencwadi ngeendlela ezininzi ezahlukileyo
- Incwadana encinane, *Ndingabakho naphina*
- Inxalenye yokugqibela yebali elifundelwa ngaphandle ngokuvakalayo elisihloko sithi *UNomatse neLanga*

Ingathi ayisafiki iveki elandelayo ndifumane ezinye iingcebiso, izixhobo neembono ezikhuthazayo ngokufunda nezamabali. Ndwendwela kule webhusayithi [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye sifumane nakuFacebook: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)